# Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.*

IXABISO 3d] KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, JULY 24? 1890. [No. 297

# IXESHA LO MCHEBO

# Beauchamp, Booth & Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Eyona venkile yengubo ezilungileyo, nezitshipu edolopini apa.

Ihempe zamadoda ezinamaqosha e perile 1/6 inye.
Ibhulukwe ze stofu 3/, 5/ inye.
Ibhatyi zamadoda 5/, 6/9 inye.
Ibhatyi ze twidi emnyama 15/, 18/6 inye.
Ibhulukwe ze kodi egwangqa ezilungileyo 7/6 inye.
Iminqwazi yamadoda eyi Soft felt 1/9, 2/ umnye.
Ityali zoboya 5/, 6/, 7/, 8/ inye.
„ „ ezilunge kwayekwa 10/, 12/6,15', 18/, 20/ inye-
Iprinti (ezimabala), i pattern 6d., 7|d., 9d. iyadi.
I Winzi zohlobo 6d. ngeyadi.
Ikeleko 2|d., 3d., 4d., 5d., 6d. ngeyadi

Ilokwe Zokutshata, Iminqwazi Yokutshata, YONKE Impahla Yokutshata.

## BEAUCHAMP, BOOTH & C0.

E-QONCE, KING WILLIAMS TOWN.

## BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu],

E-GRAHAM'S TOWN.

*Saneke Ityali ezitshipu kanye, iHshini ezona zintsha, ziqala kwi 31- inye.*
*Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 21/2d- yd.*
*Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 41/2d. yd.*
*Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 41/2d., ne 6d. yd.*
*Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 11- inye.*
*/blanket zoboya ziqala 51- inye.*
*Amabhayi 2/- lilinye; i Cotton Sheets 116 inye.*

## YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela ziqqitiseleyo, yi Ledi esand' ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.
IBHATYI ZE KODI, ziqala lOs. inye.
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. lid. inye.
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.
ISUTI Emhlalayo umfana ifishini entsha, 21s.
IHEMPE, Is. inye.

*Icutenga apa ngokwalatiswa yi " Mvo " maze akuxele oko. Ukuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (l), wyakubuye ayinikwe ishelen' ngeponti nganye.*

## JOHN: W. BAYES & CO.,

Kwi Kena ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAM'S TOWN

## Inyama ne Zonka,

iNento ezinjenge kofu ne swekile Izitengeni ko

## BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

EBZA. GRAY

Incindi Epitikeziweyo

—YE—

## LINSEED NE HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLO ING-QELE, nazo zonke Izikuhlane zo MQALA ne MIPUNGA

1/6 NGE BHOTILE.

2/. LITUNYELWE NSE FOSI.

Nganoanani Nanganye kwa

P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,

KING WILLIAMS TOWN.

## ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakoweta ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama tingezantai, ndivule Ikaya Labahanabi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nofumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamauani apantsi kakulu. Kuko nesitali samahashe esine groom epapame kunene.

ROBERT XHOLLA,
Kowie Street.

Graham's Town,
28th June, 1889.

## Bonisani Amahashe!

KULAHLEKE AMAHASHE AMATATU ngenkonyana nge 6th July. Yimazi engwevukazi ebomvu kancinane, ekwiminyaka Selihambile ubudala; NEMAZI EBOMVUKAZI etiwe cape kwi ndlebe yase kunene, linembasa encinane ebunzi, linexwele kumkono wase kunene. INKONYANA ikwabomvukazi, emfamakazi ngeso lase kunene, ikwanembasa ebunzi. Atumele ku Mr. H. "(missing text"., e Bolo, ote wawafumana.

HOWARD NOGAUA.

Stony Fell, July 18th, 1890.—3i317

## KO TITSHALA.

KUFUNWA Umfundisi Wentsapo ongn Mtshetshi, oteta Isisutu (ontsundu nokuba ngo mhlope), owoncedisa Ezinkonzwem. Umvuzo ngofanelekileyo. Oyifunayo wotumela ku REV. C. JOHNSON, St. Augustines, Rorkes Drift, Zululand.
—

10B4990

## IVENKILE YOWOHLANGA

E HERSCHEL.

## TIMOTHY K. MAYISELA & CO

Bavule IVENKILE ngo 7th April, 1890, e DULCIES NEK, HERSCHEL.

*Batemba Umzi ukuba Ubaxhase.*

## ABATSHATILEYO

MATSHOBA-SAKUBA. — Kwa Tuku, Fort Peddie, kutshatiswe ngo 8 July, 1890, ngu Sontombi u Rev. James Benjamin Sakuba, u JAMES MATSHOBA wase Kamastone, Queenstown, no MARTHA SAKUBA intombi epakati ka Rev. J. B. Sakuba.

3i317

## ABAZELWEYO.

BOTTOMAN.—E Nohwazi u MRS THOS. BOTTOMAN ubeleke Unyana ngo 27 June, 1890.—3it24790

STUART.—Kwi Free Manse, Garty, Aberdeenshire, Scotland, ngo 21 June, 1890, Inkosikazi ka Rev. William Stuart, M.A., wase Burnshill, ibeleke Unyana.

3i317

## IMIBIKO.

KINASS.—E Mount Ayliff nge 14 June, 1890, kubhubbe u ABRAHAM GOBONGWANA KINASS. Lombiko ubhekiswa kwi. zihlobo ezise Queenstown, Aliwal North, Tsomo. Longweva isishiye namazwi amnandi emfuduko yayo kweli.

3i31y

BOTTOMAN.—Kubhubbe e Mzintlava, Emaxesibeni, kwesika Jojo ngo 11th July, 1890, ngo 11 a.m., u BOTTOMAN MKANDLWANA LANGEM. Izihlobo mazamkele lombiko. 4i78

MBAMBANI.—Kwaziswa izihlobo ukubhubha kuka ELSIE M. MBAMBANI obhubhele Enkosini e Tinara ngo 14 July, 1890.—3i317

# DYER and DYER

EQONCE, KING WILLIAMS TOWN.

Bafikelwa yinto eninzi yempahla ukongezelela kwebihleli iko.

## INGUBO EZINTSHA,

ZABANTSUNDU KANYE,

(Ngo Stemele bcnke).

*QONDANI:—Zi tshipu Ngakumbi*

Ihempe zamadoda zokusebenza ziqalela kwi Is.
Ihempe zamadoda zangapantsi ziqalela kwi Is. 3d. Isuti zezitofu ezinzinzwa ziqalela kwi 17s. 6d.
Ibhatyi zezitofu ezinzinzwa ziq alela kwi 9s. Ibhulukwe zezitofu ezinzinzwa ziqalela kwi Is. londulubhatyi zekodi ZITSHIPU 2s. 9d.

Isuti, Ibhatyi, ne Bhulukwe ze Diagonal Emnyama.
isuti Zokutshata zipelele 38/6.
iminqwazi emitsha, Izihlangu, Ibhatyi Ezinkulu, Amaqhina, Izikafu, Ikalala, Iblankete Nezibhalala, nialo- njalo.
londulubhatyi zezitofu 1/6.
Idyasi zemvula 8/6.
ibhulukwe Eziluhlaza 2/.

# DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

## W. McGLASHAN & CO.,

(MAGALA),

E-DIKENI.

BAHLALA benezona mpahla zokunxiba zintsha ezona ntlobo zipilileyo ze Printi, i Satin, kwane Drillettes,

ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO

## Zonke Intlobo Zabatshatayo Kwesi Siqingata,

Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha ifina.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa

W. McGLASHAN & CO.,
E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA, IZIKUMBA, IMPELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo njalo IZILIMO zitengwa ngamani ase Markeni.

## UKUBA

UFUNA elona xabiso lilungileyo nge NQHOLOWA, UMBONA, AMAZIMBA, nokuba ZITAPILE,

Ufuna IMBEWU ELUNG ILEYO yokuhlwayela.

Ufuna owona MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileyo zokutya.

Ufuna IMPAHLA yako ngentengiso nokutenga e Marikeni

TUMELA okanye EYE

## GILBERT FOX AND SON,

MARKET SQUARE,

## KING WILLIAMS TOWN.

## *UMANYANO NGE MFUNDO (N.E.A).*

KWA HLEKE, (PIRIE).

Intlanganiso yolu Manyano yadibana ngo July 8, 1890, ngo 12 emini yonganyelwe yi President u Mr. W. K. Ntsikana (Perie).

AMALUNGU AYEKO.

Messrs. K. McA. Ncapayi, Secretary (Emgwali), J. D. Gulwa, Assistant Secretary (Debe Nek), J. K. Bokwe, Treasurer (Lovedale); Rev. W. Philip (Gwaba); Messrs. M. Njikelana (Debe Nek), P. Tyamzashe (Mngqesha), D. Marela (Debe) R. N. Gaba (Rabula), Stephen Sonjica (Debe Nek), Joseph Marela and R. Foxongwana (Debe), D. Mini and N. Gasa (Middle Drift), S. Mtoba (Mdingi), J. Tunyiswa (Mount Coke), J. Ngqanduva and Miss E. Meyile (Mngqesha), H. Beuzana Perksdale), H. Mboni and Chief N.C. Umhala (King Williams Town), D. Dwashu (Zeleni), J. R. Kota (Macfarlane), Miss E. Mavuso (Debe), no Mr. Shosha (Grahamstown).

YAVULWA ngomtandazo yi President. Emva kokufundwa kwe minutes zeyase Mgwali, kubonakele ukuba zitatyatwe nzulu nga-babhali. U Mr. Philip osekelwe ngu Mr. D. Marela, ute mazike zihluzwe yi Committee. Kwanyulwa ke o Rev. W. Philip, Mr. J. K. Bokwe no Mr. J. D. Gulwa okokuba bazihluze.

ABANGABANGA NAKUFIKELELA.

U Rev. W. B. Rubusana no Mr. A. H. Maci batumele ngo Mr. P. Tyamzashe okokuba mabaze balandulelwe entlanganisweni ngenxa yokuba bevela e Somerset East entlanganisweni yabafundisi. Inxalenye yamalungu ayikolvanga seso sizatu, kwabuya noko emva kwenteto eninzi samkelwa. U Mr. Bottoman omele nge Secretary samkelwe kunye nesika Miss E. Beuzana. U Mr. J. Tengo Jabavu esake asingenise ngo Mr. P. Tyamzashe kugqitywe kwelokuba intlanganiso ingasamkeli, kufuneka ete weza kuzilandulela ngokwake.

AMALUNGU AMATSHA.

U Mr. D. Marela osekelwe ngu Mr. H. Beuzana, ungenise igama lika Mr. John Yeye wase Debe, kwako isikalazo sokungabiko kwake ; kwagqitywa kwelokuba noko ukuba imali iko makamkelwe. Wamkelwa ke kunye no Messrs. Stephen Sihlabaka (Debe Nek), Charles Rulashe (Keiskama Hoek).

REV. DR. BRYCE ROSS.

Emva kokungena komninimzi yesuka yema intlanganiso. I President, Mr. W. K. Ntsikana, itshayelele lomnumzana ngamnandi. Rev. Dr. Ross : “ Ndiyavuya ukunibona nilapa nihlanganisene ngomsebenzi wenu. Oko ndibe ndisese Dikeni ndiyindodana efundayo umfundisi wetu ubesiti mazibeko intlanganiso. Ndibe ndiman’ ukuzibuza ngeliti ‘ Azi yintonina esiya kuyenzela uhlanga lwetu ? ’ Imfundo le ubuko bayo iko ngabafundisi ngoluhlobo—‘ Ilizwi lika Tixo malifundwe, ligcinwe ngabantu belilizwe.’ Wenze umzekeliso ngokuhamba, nokucaswa kwelizwi lika Tixo e Madagascar, lahanjiswa pakati kwentshutshiso eziuinzi, labinqelwa kwangabantu belozwe. Kuko inxalenye yabantu eti ilizwi; malinikelwe lihanjiswe ngabantsundu belilizwe. Mna nditi bayalahleka, kuba‘ ixesha alikafiki. Banjengabantu abafana namakwenkwe anyekeza umbona engeka lungi. Ukutsho ke nditi alikafiki eloxesha, makunga nyekezwa ke. Imfundo mayingonakaliswa ngokuswela isimilo. Kwabayipeteyo nakwabayamkelayo sisimilo into enokukangelwa. Umzi wona mauyamkele imfundo, ubaxase o Titshala kuba u Yesu uti umsebenzi uwufanele umvuzo wawo. Nina zititshala zinikeleni emsebenzini wenu ukuze abantwana baniqonde kwanabazali babo. Xelisani abafundisi abashiye elakowabo beza kufundisa kweli lizwe. Nyamekelani ke umsebenzi wenu ukuze abantu bakowenu bawubone ukuba uyinto. Umfundisi osebenza kwindawo ezikapukapu udla ngokudelwa. Sebenzani ke nina ezintsindeni ningasebenzi emafusini kupela, kuba nentsinde le yokuvelisela ukuba ukutele. Hlahlani nitshise noko niya kubila, ’msani ukukangela abanye, tsolisani amehlo enu kwezondawo nisebenza kuzo. Uzekelise ngo Rev. Dr. Soga ekufundiseni kwake kwa Bomvana. Imfundo le inentsbaba ezininzi, elam ke nali: ‘ Mayingabi nazo kwakowayo.’
Into le ilunga ukuti ibe nengcobo yesimilo kwakowayo. Yibani yingcoba ka Tixo, yibani yingcobo kubantu bakowenu, nakubantu abafundileyo.

Kusuke u Rev. W. Philip wagqiba ngezwi elinye eliti—nokuba besingapumayo sigoduke emva kwesi siyalo somninimzi bekuya kuba kwanele, watelelwa ngu Mr. Njikelana.

Emva koku u President Kobe unike isiyalo kumalungu amatsha u Mr. Sihlabaka no Mr. Charles Rulashe. Wayihlokohla u Mr. J. K. Bokwe ngohadi. Yapuma ukuya edinareni.

Kubuye kwangenwa kwabizwa

I ROLL, kwafumaneka ukuba amalungu maninzi angekoyo. U Mr. D. Marela ute: Amalungu la angekoyo asuke olu Manyano alwenza iceya, apina amadala? U Mr. J. Ngqanduva uxase u Mr. Marela kwelozwi. U Mr. S. Sonjica ute-makunyulwe amalungu anokubazi kakuhle abantu abangeziyo ezintlanganisweni ukuze kuqondwe abangeziyo kakuhle. Mr. Tyamzashe makudibane u Mr. Trearurer no Mr. Secretary, ngamagama la ukuze banikwe isaziso *Emveni* abayakuti baxelelwe usuku lokudibana nabo, banike izizatu zabo, waxhaswa ngo Messrs Marela no Njikelana no Nyosi ote mabafakelwe (Mr. Treasurer no Secretary) amalungu amabini pezu kwabo, akavunywa. U Mr. Jon Tunyiswa, “lituba lingakananina ukungabiko kwelungu ukuze likutshwe?” Ngunyaka. Emva kokubambana kwamalungu no Mr. Tunyiswa ngenxa yokungabiko kwake ixesha elikulu, kwagqitywa kwelokuba amkelwe ngokutsha. Mr. Bokwe (Treasurer) kulungilena ukuba amalungu axoxe angarolanga yonke imali? Oko noko kuseko amadinga kobuye kufezeke.

INGXELO YEMALI.

Mr. Bokwe unike ingxelo ngokucacileyo, kususela ku June, 1888—July, 1890, Wabulela u Mr. D. Marela waxhaswa ngu Mr. Gaba.

IZAZ1SO NGE NGXOXO.

Mr. D. Marela, maxweaziwe umteto wokugcina . amalungu alentlanganiso, kwanasekaya. Mr. R. Gaba, ingxelo zalentlanganiso zishicilelwe kwimiqulwana (pamphlets) zitunyelwe nokuba kupina kwindawo apo indleko zilula. Mr. Gaba kanjako makuxoxwe ngo Xakalashe. Mr. S. Mtoba, izinxibo zolutsha olusezikolweni ezikulu olungamadodana. Unkosi N. C. Umhalla, umhlambi wo Manyano mawahlulwe ube zi Komiti ngohlobo oluyakubonakala ukuba lulungile entlanganisweni zi Komiti iminyaka emihlanu, ize zimanukwenza ingxelo kwi General Secretary ngenyanga engapambili kokuhlangana kwentlanganiso. Mr. P. Tyamzashe, Olumanyano malwenze isigqibo ngolwaluko lwabantwana basesikolweni, ize situnyelwe kwi Ngqungqutela yabafundisi bamahlelo-ngamahlelo. Kunyulwe i Komiti yokuba zonke ezingxoxo ke ziyekukangelwa yiyo. Kwanyulwa o Messrs Philip, Njikelana, Mtoba, Gaba no Marela. Mr. H. Bewuzana, ndivelisa icebo lokuba onke amalungu amatsha makayalwe ize lonto ibe ngumteto.

INGXELO YEKOMITI YESIGIDIMI.

Mr. Philip i Convener yale Komiti usuke wati, le Komiti akubonakali kunokwenzeka nto xa u Dr. Stewart angekoyo, kodwa wayete kufuneka i 1200 abaxhasi baso ukuze sivuswe. Kwaxoxa ke o Messrs. Dwashu, Gaba no D. Marela. Mr. Bokwe, mayamkelwe lengxelo, waxhaswa ngu Mr. S. Sonjica. Nkosi N. C. Mhalla, mna ndiyayichasa lengxelo. Kute kweisituba yahlokohlwa intlanganiso yingoma ye Chior epetwe ngu Mr. Z. Kema. Kufundwe

INGXELO YE STANDING KOMITI, ngu Secretary K. M. Ncapayi eyayikwa Brownlee.

ULUHLUZWA KWENGXOXO.

I-Komiti yokuhluza i notices of motion ibuyile, yainkela ezo Nkosi Mhalla no Mr.'Gaba. Mr. Philip, isiyalo ne President wangenisa indawo yokuba u President Kobe ayinike intlanganiso isiyalo (an address). I-President izilandulele ngeliti ibingazi ukuba kufuneka yenze isiyalo. Yavunywa londawo.

INGXELO ZOMANYANO.

Mr. R. Gaba, ingxelo zolu Manyano mazenziwe umqulwana oshicilelweyo, ize zitunyelwe nakuyipina indawo endleko zincinane. Kwaxoxa o Messrs. Dwashu, D. Marela, Njikelana, iyamzashe President Kobe, lengxoxo mayike ime icingwe kobuywa kutetwe ike ifunwe eziugqondweni zenu, ize nize nayo. Kwagqitywa kwelokuba mayenziwe lomiqulwana njengesicelo sika Mr. Gaba. Mr. Tunyiswa, lemiqulwana mayenziwe kanye ngonyaka. Umanyano Iwati londawo yokangelwa yi Special Komiti yakudibana.

U XAKALASHE.

Mr. Gaba, ungenekwakwenye ingxoxo yake engo Xakalashe, watsho wati, noko andazi ukuba lento ingu Xakalashe yintonina? ndingakolwa ukuba kolu Manyano kuko Xakalashe. Kutete lamanene Messrs. D. Marela, Foxongwana, no Tyanizashe ote wavumelana no Mr. Marela, okokuba lendawo mayingaxoxwa ayinanto iyakunika imfundiso kuti, waxhaswa ngo Messrs. Njikelana no Marela. Mr. J. K. Bokwe, u Mr. Gaba ulahlgkile ukungenisa lengxoxo kuba uti naye ngokwake akayazi. Unkosi N. C. Mhalla, lento mayiyekwe ilucuku, wayiroxisa ke u Mr. Gaba.

I KOMITI ZEMIZI.

Nkosi Mhalla, undulule eyake ingxoxo lendawo ndiyitabata ndijonge kwindawo endicinga ukuba Umanyano lujonge kuyo, ukuzama ukuwulungiselela umzi wakowera ontsund'u. Masidibane nomzi sibe banye kulentlanganiso. Mna ndibona ukuba le Komiti ibeko kuyo yonke imizi enamalungu olu Manyano, ize idibane, icebisane nomzi emasikweni Omxhosa, Mfengu ne Lawu nakuma cebo alomzi bacebisane nawo. Waxhaswa ngu Mr. D. Marela, no Mr. Foxongwana no Tyamzashe. Mr. Philip uyelise indawo yokuba lengxoxo ike isiwe e Komitini ukuze ize apa seyivela kona, wasekelwa ngu Mr. Njikelana. Mr. President, zotinina ikomiti ukwe-nziwa kwazo. Nkosi N. C. Mhalla, le komiti ingaba ngamalungu amahlanu ekomiti enye. Mr. Tyamzashe, lengxoxo mayike ibekwe bucala kancinane ize ixoxwe kwezayo intlanganiso. Mr. Philip ute makunytilwe i Komiti yalendawo. Kwanyulwa u Mr. Philip, no Messrs. Njikelana, Bokwe, Tyamzashe no Nkosi Umhalla ukuba baze bayipicote. Yapuma ngo 11, p.m., ebusuku,

## *ABALIMI NA BARWEBI.*

## IMARIKE.

E QONCE, (July 18).

Amaqanda—5Jd to 9d ngedazini Amatanga—lyi to 3/6 ngedazini Irasi elnhlaza—lid to 1/6 ngekulu Ihabile—2/ to 7/ ngekulu Unabona—3/3 to 3/8 ngekulu Amazimba—4/ to 4/3 ngekulu Umgubo—20/ to 22/6 ngekulu Imbotyi—7/9 to 9/3 ngekulu Ibabile,—8/ to 15/6 ngenxhowa Itapile—8/9 to 16/ ngenxhowa Irasi—6/3 to 7/ ngenxhowa Isemile—3/ ngenxhowa lukuku—1/2 to 1/5 inye Inkuni—9/ to 40/ ngeflara

E MONTI (July 22.)

iBeiuile—4/ to 5/ ngenxhowa Ihabile—17/6 to 20/ ngenxhowa Amaqanda—1/2 to 1/6 ngedazini Amatanga—1/6 to 3/6 ngedazini Inkuni—‘5/ to 28/ ngeflara Ihabile,—2/6 to 5/ ngekulu Umgubo—17/6 to 19/ ngekulu Umbona—3/6 to 3/10 ngekulu Itapile—7/6 to 10/ ngekulu Inqholowa—-12/ ngekulu

E RINI (July 19.)

Inkuni—10/ to 40/ ngeflara Amatanga—4/6 ngedazini Amaqanda—lOd to 1/3 ngedazini Irasi eluhlaza,—1/ to 1/11 ngedazini Ihabile—2/7 to 4/3 ngekulu Umbona—10/ to 13/ ngenxhowa Amazimba—3/9 to 4/6 ngekulu Itapile—8/64o 13/9 ngekulu

## EZABA BHALELI.

UMGCUBO ONGCITA.

NKOSI, MHLELI,—Ndivekwipepa le *Mvo* lomhla we 25 May, 1890, ukuba ngomhla wokuzalwa kwe Nkosazana, kutiwa kwakuko umdaniso e Ngqamakwe. Ndibuza ngokuzitoba kuni mzi wakowetu, umdaniso yintonina Emangesini apa, aufunina nezinto ezingalunganga kuti bantsundu ezingamasiko obuhedeni—imidudo, intonjane, ukungqungqa, Noku tshila kwaba kweta, nokuya ebutywaleni kuzo zonke izinto zobuhedeni ? Ukuba ke umdaniso Emangesini auyiwa nga bantu abangamakolwo okokukuti ama Krestu—mandipinde—abafundisi, nabashumayeli, nabakokeli, neramente, nabantu ababekekileyo abanezimilo zokoyika umdali wabo. ezindidi ndizibalileyo ziyayana emdanisweni ? Ukuba aziyi aulungile, ukuba ziyaya ulungile. Bati abawaziyo ndakubuza auyiwa ngabafundisi nama Krestu, nangabantu abalungileyo. Ukuba yinyaniso unjalo umdaniso aulungile. Bayepina abafundisi abantsundu, nabamhlope, nabakokeli beramente, nabashumayeli, neramente, nabazali oabantwana base lamenteni? Ndibhekisa ebandleni lamahlelo ngamahlelo lase ziramenteni? Makungayekwa ilizwe lipatwe ngabantwana, okunye ngamadoda angati atembekile ngemfundo nazititshala nahlala ezi ofisini nazi nkosana nazibonda namagqweta. Niqonde—yonke ionto ngabantwana. Emaxhoseni auzange umzi nelizwe lipatwe lusapo. Yipeliseni lento. Usapo luyemka nabantu abangaziyo nabo apo baya kona. Msani ukukohliswa ngabantwana benu, abati kuni niboya. Abafundisi akuko ndlela yimbi eyakusindisa intla nga. Lomdaniso wase Ngqa m a k w e maupeliswe ngamagunya abazali nangabantu abazi nkosi, kuyekwe abangenayise nabasebebhabele.

IMPONDO.

Emampondweni, July 12, 1890.

IMPATO EGADALALA.

KUMHLELI WE “ Mvo,”—Kwaba mnandi kiti, sisezwa nje ukuba e Natal kukona umuntu ozakubizwa ngegama lika Jabavu. Nempela ke lorko kwenzeka. Kulama sonto apambili yafika into ka Jabavu encane (Rev. J. J. Jabavu) enhlabatini ye Natal. Loko kwaba lujabulo olupindiwe kiti. Umzi ke uya kukumbula ukuba lomfo ka Jabavu wabelwa esikolweni sase Edendale ukuba ayotabata umsebenzi wokufundisa kona e Simnarini eyakiwe kona.

Ke into esijabhise kakulu nansi: Ekufikeni kwake u Mr. Jabavu kulomuzi odume kakulu ulike wasela indawo lapo ayakungeniswa kona nosapo lwake. Waza watolwa ngumnumzane omdala wakona e Edendale u Mr. Stephanus M-zolo. Engitemba ukuba. nanamlala usagogobele kuyo leyondlu alendoda. Siyayibonga umsa wayo.

Umhlola omdala kukuba kade ngo April kwezwakala ukuba u Mr. Jabavu uzakutabata umsebenzi wobufundisi kulesikolo sase Edendale, kepa kuze kube namhla nje kakalungiselwa ’mgodi wokufaka ikanda lake nosapo lwake. Ke bakiti, konke loku kwenza nje asikukuba indhlu kayiko, ukuba u Mr. Jabavu engovodelibala etukekile lobumnyama. Indlu ebihlala ititshala (manje eyi Sumpa). yale Simnavrihlezi ’ze, ngelSa pela obekade; ehlala kuyo usebuyeie kweye ’Sumpa (Superintendent) ye siyinga (circuit). Kodwa kufumaniseka ukuba u Mr. Jabavu kanakungeniswa ngoba emnyama—inina ngisho njalo ngoba angisiboni isici apq^tyelwa ngaso ukuhlala kuyo.

Wo! umuntu uyadhlala oli koza kwahlanganwa nalezizweezitnhlopej Kwala kubo abati bangabefundisi, abanako ukugudhlana nama Kafula (Kafir). Po ke, bakiti, abase Koloni, nize riingasoli abantu base Edendale ngalesenzo. Umuzi wase Edendale aunamsebenzi kakulu no Mr. Jabavu, ngoba engowabafundisi engenguye wabantu. Nasenewadini yama Minutes e Conference kutiwa ngowe “ Educational Department.”; Ngako ngabapati or yikomiti yale Simnari ebifanele ukumlungiselela indhlu u Mr. Jabavu. Ehe, abantu base Edendale beboba necala ukuba beku ngumfundisi wabo omnyama engeyiyo ititshala. Siyetemba noko ukuba i Sumpa ye siyinga sase Edendale izakwenza ngabo ifunele umnavayo, indawo enhle yokuhlala. Umfundisi ubesefuna ukumesulela umncedisi wake kumadoda omuzi. Kuma kwawo lamaqili! Yeka nendhlwana ebekutiwa ufunelwa yona oka Jabavu, igcwelwe zimpuku, lu lwembu, nako konke ukungcola okukona lapa emhlabeni; ikamelwana ,layo linye kupela. Ucolile impela ayale, mina ukuba benginguye bengotybla i President ye Conference iagibuyisele ekaya e Koloni. Owako Mhleli,

GQAMEMAWENI.

July 8, 1890.

NGENTLANGANISO ENTSHA. — Kwintla nganiso ebesinayo apa yonotenga base Kubusi, Zidenge, Cenyu, besisingete lomcimbi walo rutu-rutu wenziwa ngamawetu nala makwele awo akoyo ngoku. Kuba bekuko intlanganiso e Pirie, lo- ntlanganiso tina ndawo zintatu siyichasile, kuba inento esingayiqiqiyo kuyo. Zwi layo namhla liti mayibe yeyokuqala kuti bantsundu, kanti hai ke. Kanti tina Unina wentlanganiso ezi zonke yi Myo le ke. Yiyo eyazala ezi sinazo tina kwindawo ngenda'wo, oko kukuti zapuma or zako ngenxa ka Mr Jabavu lo kutiwa namhla masingamkangeli yena. Siyamfuna upina umvusi wohlanga. Aba kudala bafundayo bengenzi nto bona, upina umvusi wetu lento sekuvuka nina mva kanti naniko anenza nto. Singati nakuwe mvusi wetu intlanganiso leya siyayifuna kwaleyo yake yako apo e Qonce. Mazingemi intlanganiso ezinda- la sibone sekusitiwa makuyilwe entsha yokuqala kunazi ontsundu. Asiyiyo yona le itetwa ngaba bati makube kuqala ukuba kubeko Umanyano or Ingqungqutela. Ngazwi’nye le yo Tunyiswa asinanto nayo tina apa, tina sifuna kwaleya yenziwa ngumfo ka Jabavu e Qonce ekwakusitiwa yi Ngqungqutela yendawo ngendawo. Vula amehlo mfondini wase luhlangeni, nantsi imini yokuba ukangele ngengqondo ukuze upile. Amadoda ayemaninzi andisenakuwabata. Umgcini-Sihlalo yayingu Mr. Jonas Mabuya. —Simaugasingesimanga kungabom.—W. MTOBA, unobhala Kubusi, Stutterheim. July 18,1890.

—

## Ipalamente.

Umteto omtsha opelisa utshilo upumelele amabakala ekubonakala ukuba uya. kama kwangalouyaka. Mabatshile bagqibelise ke abazouwabisa ngalendlela.

Impendulo ye Nkulu yo Mbuso kumbuzo obewenziwe ngu Col. Griffith ngomteto we pasi yaba voti e Transkei, ibe yeyokuba kusakuke kubhekiswe kwi Mantyi zelo ukutabata okwazo ukubona, angasakwenza nto u Rulumeni de eve oko,

Umteto wokuguqulwa kwendlela yoku vota obungeniswe ngu Mr. Orpen, ukuba kuvotwe ngamapepa abhaliweyo, ayakungena atyumbe wona ngasese umvoti, uqetulwe kwakuba kuvotiwe nga 31 ne 30.

Judge : “ You’ve been earning something, and I can’t understand how it is that have failed to satisfy your Creditors.” Insolvent Debtor: “ I have nine reasons for acting as I have done : A wife, a mother-in. law, six children—an empty purse—total, nine.”

## Native Opinion

THURSDAY, JULY 24,1890.

A NEW Ministry has been installed Ministry, in office since our last issue. Then we were able to state positively that the Hon CECIL JOHN RHODES, the well-known member for Barkly West, had undertaken to construct a Cabinet, on Mr. SAUER finding that the country's interests demanded that a gentleman enjoying the confidence of a larger circle of the members of Parliament should be sent for. This self-denying act on the part of the Member for Aliwal North in patriotically relinquishing an unquestioned claim to the Premiership, from a desire to subserve his country rather than his personal reputation, has lifted Mr. SAUER in the estimation of the country generally. A less unselfish politician would, for the honour of the position, have grasped the offer like grim death, even if he felt he could only sustain it for a twelvemonth. Those who know Mr. SAUER well, know that he is above being affected by puny ambition of this sort; and, a quondam enthusiastic disciple of Sir GORDON SPRIGG’S. who in 1879 parted from his chief in obedience to the dictates of his conscience, just when the country was resounding, and resounding again, with applause for the then evangelist of “ Vigour ”— a gentleman who thus scorned a cheap popularity, and was content to wander in the dreary deserts of Opposition for an indefinite time—was scarcely the statesman to snatch at the Premiership, and to secure it by a fluke. So he resigned the honour in favour of his more popular colleague of Diamond and Interior fame; and it is now a matter of history that Mr. RHODES —Amalgamator-General that he is —has succeeded in framing as strong and attractive a Cabinet for brains, wide research, and, consequently general and generous sympathies as has ever graced the Treasury Benches in those gorgeous Houses of Parliament under the shadow of Table Mountain. Versed in schemes of amalgamation, the new Premier has managed to bring together long-headed men who, a short while ago, were supposed to be in such antagonistic political relationship as to preclude the hope of their ever putting their heads together to assist their country. As a matter of record, we give the names of the newly-constructed Government. On the 17th instant it was made known in a *Gazette Extraordinary* that His Excellency the Governor had been pleased, in the name and on behalf of Her Majesty, to appoint

The Honourable John Xavier Merriman, Esquire, to be Treasurer «f the Colony ;

The Honourable Jacobus Wilhelmus Sauer, Esquire, to be Colonial Secretary.

The Honourable Cecil John Rhodes, Esquire, to be Commissioner of Crown Lands and Public Works, and Premier.

The Honourable James Rose Innes, jun., Esquire, Q.C., to be Attorney-General;

The Honourable Pieter Hendrik Faure, Esquire, to be Secretary for Native Affairs. By command of His Excellency the Governor, G. SEYMOUR FORT,

Private Secretary.

Another intimation by His Excellency notified the appointment of Mr. J. ROSE-INNES, Q.C., Mr. JAMES SIVEWRIGHT, C.M.G., and Mr. P. H. FAURE to be members of Her Majesty’s Executive Council of the Cape of Good Hope.

As for their policy the country is bidden by the Premier to judge by deeds, not by words, his doings in the past being an earnest of achievements in the future. This being the case, we may rest assured that our people will be allowed to work out their development free from petty and useless interference of Government, for keeping up the evidences of Native policy. The very fact that Ministers are men of education, capable of taking a wide view of matters, is a sure guarantee that needless interference with a subject race, from motives of jealousy, will not come into play, and we may look for the sympathetic assistance of Government in such matters as those in which help may be asked for by Missionaries, Magistrates, and others entrusted with the interests of the Natives, with a view to improve their condition. Mr. RHODES’S mind is not capable of grasping small matters which are easy of elimination in the working out of a great problem such as that of asserting the premier position of the Cape Colony among South African States. It is from this source we draw the comfort we do for our countrymen. Besides, with gentlemen such as Messrs. SAUER, INNES, and SIVEWRIGHT, (we know little about Mr. FAURE) whose principles are opposed to anything savouring of injustice to Natives in the Cabinet, we have, we think, no reason to be apprehensive.

## Notes of Current Events.

EVEX before Mr. Cecil Rhodes, the new Premier, ha4 had an opportunity to announce the Government policy, the enemy, we believe, had flashed along the wires to one of the papers the news that one of the planks of the platform of the Administration would be the raising of the Franchise, this being the bait by which support was successfully angled for. But no allusion was made to it in the Premier’s programme as placed before the House on Thursday last, and we choose to disbelieve it until further orders. The general drift of legislation in this respect throughout the British Empire is to lower the franchise to secure popular representation in the Government. To raise it is simply to exclude the people, and to establish an oligarchy, which no fair and liberal mind can contemplate as among things which it would be politic or desirable to do.

BECAUSE Mr. Sauer firmly believes in the principle of Government acting with unscrupulous justice and fairness to all sections of the people of the same State as the only way to establish contentment and peace he is called a negrophilist by those who would stir up against him the prejudices of the crowd. It is in this light that we construe the following extract from the *Queenstown Free Press:*— Messrs. Sauer, Innes, and Merriman, who are pronounced friends of the aborigines of the country, and who have always fought for their rights in Parliament, are in no better plight with respect to the support of the Dutch party, although there has been a tendencv on of these gentlemen to fraternize with the Bond in order to defeat the recent Government, and get a spell in office for themselves. If they can conscientiously throw aside past convictions with respect to our native policy, and run as near the wind as possible with the Bond party in their views as to how the native population should be governed, then there would be some chance of forming a Ministry, and a prospect of holding office, but what would be the position be worth at such a sacrifice, just the £ s. d. to which everything else would become subservient.

THE report that the Premier had promised at a Bond caucus to raise the franchise is thus commented on by the *E. P. Herald,* which, we believe, gives a correct indication of the feeling of the community outside the charmed circle of the Bond The other point mentioned by Mr. Rhodes is one which we had very much rather see left untouched. When, indeed, we remember the outcry throughout the country, headed by the gentlemen who now sit on the Government benches, against the recent Bill of Sir Gordon Sprigg affecting the franchise, we fail to see how Mr. Rhodes can look for support even from his own colleagues. To raise the franchise would be a step backward, a sop to the prejudices of an unprogressive party, and an underhand method of getting at the Native vote. To-day, when the world is being gradually educated up to something approaching manhood suffrage, and when even in conservative England votes are given on the barest possible qualification we find it proposed in this British Colony to reverse the conclusions arrived at by European states- men and deliberately, and of set purpose, to ignore the lessons of civilisation. The report, we confess, seems to us incredible, and we prefer to believe rather that Mr. Rhode has been misunderstood than- that he has committed himself a policy which may, at the outset, ruin his ad-

